

# Vuk'uzenzele




Produced by Government Communications (GCIS)

English/isiXhosa

| EkaCanzibe 2018 Ushicilelo 2

## Bridge brings relief for KZN learners



KZN MEC for Transport, Community Safety and Liaison Mxolisi Kaunda with local learners who now arrive on time for school.

**GOVERNMENT** is ensuring that children don't have to cross dangerous rivers to get to school.

### Nomfundo Mcetywa

Facing crocodiles and possibly drowning while crossing UThukela Riv-

er to get to school is no longer a reality for learners in KwaDukuza and KwaMaphumulo.

This after the KwaZulu-Natal Department of Transport built two bridges

which cross the UThukela River.

The Nyakana UThukela River Bridge, which cost R89.5 million to build serves the Mankengeneni community which is locat-

ed on the northern side of the river.

The bridge links the Umhlalazi and KwaDukuza local municipalities

● **Cont. page 2**

*"Education is the most powerful weapon which you can use to change the world."*

Nelson Mandela

“  
100  
Nelson Mandela  
Centenary  
2018  
Be the Legacy”

### ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)

[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)

E-mail: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)

Tel: (+27) 12 473 0353

**Free Copy**

# Uxanduva loMzantsi Afrika lokufundisa ulutsha

**URHULUMENTE** uzalisekisa isithembiso sakhe sokuqinisekisa ngemfundo ephakamileyo yasimahla kubafundi abafanelekileyo.

## More Matshediso

**U**Mphathiswa uPandor ubhengeze ukuba uRhulumente ugalele enye imali ezibhiliyoni eziyi-7.166 zeerandi ukuze iye kwiibhasari zabantwana abaphuma kumakhaya ahluphekileyo namkela imivuza ephantsi abafunda kwiiyunesithi nakwiikholeji zeMfundu noQeqesho lobuChule nobuGcisa (i-TVET) ngowama-2018.

UMphathiswa uPandor uthe luxanduva lwelizwe ukuxhasa abantu abangamahlwempu kunye nabo bangathathi ntweni.

Ebethetha ngethuba lendibano noonondaba apho athewathi thaca indlela eza kuqa-

liswa ngayo inkqubo yemfuno ephakamileyo yasimahla eMzantsi Afrika.

UMphathiswa uPandor ubhengeze ukuba uRhulumente ugalele enye imali ezibhiliyoni eziyi-7.166 zeerandi ukuze iye kwiibhasari zabantwana abaphuma kumakhaya ahluphekileyo namkela imivuza ephantsi abafunda kwiiyunesithi nakwiikholeji zoQeqesho lobuGcisa kunye neMfundu yezoQeqesho (i-TVET) kulo nyaka.

UMphathiswa uPandor uqinisekile ukuba imali ezibhiliyoni eziyi-4.581 zeerandi ibekelwe bucala ukulungisela abafundi abayifaneleyo abafunda eyunesithi yaze imali ezibhiliyoni eziyi-2.585 zeerandi yabekelwa abafundi abafunda kwiiholeji ze-TVET. Ngowama-2017 urhulumente

ezili-105 zeerandi kwe-  
si sithuba seNkqubo-sikhokelo yeNkcitho yesiGaba esiphasi ukunceda i-NSFAS ukuba yandise kwaye iqinise amandla ayo okulawula," utshilo uMphathiswa.

Abafundi abafanelekileyo,

wamemezela ukuba imfundo ephakamileyo izi kuba simahla kubafundi abahluphekileyo kunye nabo bavela kumakhaya amkela umvuso wonyaka ohlangeneyo oya kutsho kuma-350 000 eerandi.

Abafundi baxhaswa nge-  
nkqubo yebhasari eyandisi-  
weyo, ethatha indawo yema-  
li-mboleko yangaphambili  
kunye nenkqubo enesixa esiyi-  
basari ebinikezelwa siSikimu  
seSizwe soNcedo IwezeMali  
sabaFundi (i-NSFAS).

"Ulwabiwo olusisiseko oluya  
kwi-NSFAS lokuxhasa abafundi  
abahluphekayi nabo baphuma kumakhaya amkela imi-  
vuso ephantsi abafunda kwii-  
yunivesithi kunye ne-TVET  
luza kwanda ukusuka kwimali  
ezibhiliyoni eziyi-9.849 zee-  
randi ngowama-2017/18  
ukuya kwibhiliyoni ezinga-  
ma-35.321 zeerandi ngowama-2020/21.

"Oku kuthetha ukuba kufune-  
ka ziphucuke iinkqubo ze-NS-  
FAS kunye nendlela asebenza  
ngayo. Ngoko ke siye sabekela  
bucala enye ima-li ezizigidi



■ USekela-Mphathiswa weMfundu ePhakamileyo noQeqesho uButi Manamela noMphathiswa uNaledi Pandor kunye noSihlalo we-NSFAS, uSizwe Nxasana.

ezili-105 zeerandi kwe-  
si sithuba seNkqubo-sikhokelo  
yeNkcitho yesiGaba esiphasi  
ukunceda i-NSFAS ukuba yandise  
kwaye iqinise amandla ayo okulawula," utshilo uMphathiswa.

Abafundi abafanelekileyo,  
nokuba benza owuphi unyaka,  
abafunda kwiiholeji ze-TVET  
zikarhulumente baza kufuma-  
na ibhasari eyanele imali yabo  
yokufunda kunye nezinto  
zokufunda.

Ukunyuswa kwemali ngowama-2018/19 kuza kuqinisekisa  
ukuba abafundi abangama-458  
875 baza kufumana iibhasari.

Abafundi abamalunga nama-  
50 480 abafunda kwiikholeji ze-  
TVET, abafanelekileyo ukuba  
bafumane imali yokubancedisa  
ngezinto zokukhwela, indawo  
yokuhlala kunye nokutya,  
baza kuxhaswa nabo; ngelixa  
abanye abangama-82 600  
beza kufumana izibonelelo  
zothutho.

UMphathiswa uthe esi sixa  
sitsha semali kulindeleke  
ukuba sixhase inani leendawo  
zokufunda ezimalunga nama-  
83 200 kwezi zingama-208 000  
(ama-40%) zikhoyo zabafundi  
abatsha kwiiyunesithi  
ngowama-2018. ▀

# ISebe leMicimbi yezeKhaya llizimisele ukulwa imigca emide

**ABEMI BASEMZANTSİ AFRIKA** kungekudala baza kuncedwa ngendlela  
ekhawulezayo neyanelisayo kwii-ofisi zeSebe leMicimbi yezeKhaya.

## More Matshediso

**I**Sebe leMicimbi yeze-  
Khaya liphumeza isicwangciso senkqubo  
sokuqinisekisa ukuba abemi  
abachithi ixesha elide emi-  
genci.

Ngokutsho koMphathiswa  
weMicimbi yezeKhaya uMalusi  
Gigaba imigca emide ibibange-  
lwa bubuninzi obugquthisileyo  
babantu, indawo enganelanga  
abantu abanceda uluntu, imiba  
yobunkokeli kunye nokuvalwa  
kwee-ofisi ngeMiqibelo.

Ukulungisa le ngxaki, isebe  
libala inani lee-ofisi zalo kulo  
lonke eli lize lijone ukuba  
zeziphi na ezifuna ukuba iphu-  
culwe indlela ezisebenza ngayo.

"Siza kuqhube uvavanyo  
lokuphanda ngokwaneliseka  
kwabantu, senze iziko loqhaga-  
mshelwano nemibuzo lisebenze  
ngokunemagingxi-gingxi, sifu-  
mane isisombululo kwiingxaki  
yabantu abasuka beze kwii-ofisi  
zethu bengenzanga dinga  
kunye nobukhulu bamaziko  
ethu anceda uluntu, siqwalasele

ukuba asinakuqalis ngenkqubo  
yamaxhesa ahluka-hlukeneyo  
okuphangela, silungise nobu-  
xhaka-xhaka bethu obu-  
ngazinzanga, sandise izihlandlo  
ezingabhengezwanga abaphathi  
abaphezulu abatyelela ngazo  
kwii-ofisi zethu, siphucule  
ukuhamba komsebenzi kwaye  
siqinise ukuqhamshelana na-  
bantu," uMphathiswa uqinise-  
kile.

Ezi zicwangciso ziza kuqalisa  
ukusebenza njengamanyathelo  
okungelela exesha elifutshane,  
eliphakathi kunye nexesha elide.

UMphathiswa uchazile ukuba  
le miceli-mngeni ayizuku-  
sonjululwa ngamanyathelo  
okungelela akhawulezileyo  
kwaye ucele uluntu ukuba lube  
nomonde ngelixa isebe liqalisa  
ngala manyathelo.

"Sizimisele ukwenza konke  
okusemandleni ethu ukuze si-  
wuphumelele ngandlela zonke  
lo mlo wemigca emide, nangona  
kukho imiqobo neminye imice-  
li-mngeni kweli sebe," uMphathis-  
wa uGigaba utshilo.

Ngaphambi kwesibhengezo



■ UMphathiswa weMicimbi yezeKhaya uMalusi Gigaba uthi isebe  
lakhe liza kuqalisa ngezicwangciso zokuphelisa ingxaki yemigca  
emide.

sezicwangciso zenkqubo isebe  
lenze ingxelo yokuhlola ukufumanisa indlela efanelekileyo  
yokulawula kakuhle imigca  
kunye nokuphucula iinkonzo  
zayo.

Lengxelo ikhankanye iinkqubo  
ezingazinzanga, inkqubo yoku-  
ngahambi kakuhle komsebenzi-  
kunye nezicwangciso zokuqha  
gamshelana ezingahambelaniyo,  
into leyo ibangela ukuba abantu  
bangoneliseki nemigca emide.

Ngokutsho koMphathiswa, ezi  
zinto zilandelayo zenza ibe mbi  
nangakumbi le ngxaki:

■ Ulawulo olukumgangatho

ophantsi kwezinye ii-ofisi  
■ Ukungasetyenziswakwabasebenzi ngokweza-  
khono zabo

■ Ukungabikho kwenkqubo  
yokwenza idinga phambi  
kokuba umntu eze kwii-ofisi  
zesebe

■ Ulawulo lwemigca olunge-  
nampumelelo

■ Ukusebenzisa inkqubo esebe-  
nya negezandla kunye nezi-  
zisebenzela ngokwazo  
ngaxeshanye

■ Ukunqongophala kwee-ofisi  
zesebe ingakumbi kwiindawo  
ezinabantu abaninzi

- Ingaciso engeyonyaniso  
ngokuyekiswa kwencwa-  
di-zazisi eluhlaza
  - Izalathisi ezingacacisi kakuhle  
kwii-ofisi zesebe
- Kukho ii-ofisi zeMicimbi yeze-  
Khaya ezili-184 ezikwaziyo  
ukuthatha iifoto kunye nezinga-  
ma-411 ezikwaziyo ukunikezela  
ezinyi iinkonzo.

Zezi ofisi zili-184 kuphe-  
la ezikwaziyo ukukhupha  
nokuqwalasela izicelo zeKha-  
di-sazisi kunye neepasipothi.

Isebe lihlaziya ii-ofisi ezi-  
ngoomahamba-nandlwana  
ezingama-78 kwaye liqinise-  
kile ukuba ziza kuthunye-  
lwa kuwo wonke uMzantsi  
Afrika ngesiqingatha sesibini  
ngowama-2018. ▀

## UBUSAZI NA?

**Ukususela oko  
kwakhutshwa amaKhadi-  
sazisi ngowama-2013,  
ii-ofisi zeMicimbi yezeKhaya  
sezikuphe amakhadi  
angaphezulu kwezigidi  
ezilithoba.**